

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]
KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS,

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, NOVEMBER 13, 1890.

[No. 313

Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YEMAPHLA EZIBUHLUNGU NGA-MAXABISO ANGATSHIPU

ITYALI—Zintle kodwa ziyahlwa, ziqala kweze 4/6 to £2 inye. I PRINTI ezi “best” ezihlanjwayo 6d. yard. Edluliseleyo itshipu i Satin esitungwe Emhlope ne Cream i Muslim yokunxiba anemigca 4½d. yard. I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10id., 1/-, 1/6 nge yard. Ingubo Zabatskakazi ezenziwa nge zintsha ifashini. Iflawa Zabatskakazi. Izigubungelo Zabatskakazi. Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa. Ibhathi Ezimnyama ezi “best” Zetwidi.

Yizani kuzibonela ezimpahla ngokweni Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

KWABAZA KUTSHATA:

Nitini ngesisivato Somtshato kwa

PASCOE (kwa “FOLOKOCO,”)

Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kuse, ukuba iko.



ITYALI ZETU-UYEVA ? ESPECIALLY ezabatskakazi. Ningalibali PASCOE (kwa Folokoco) ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nombona kona SALUFU.

A Wonderful Medicine

BEECHAM'S Pills

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blisters on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be “WORTH A GUINEA A BOX.”

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. T or a Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;

they act like magic;—a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing back the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are specially renowned. These are “facts” admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the Nervous and Debilitated is that *Beecham's Pills* have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world. Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England.
SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHO INGQELE, nazo zonke Izikhulane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

GRAY, Chemist and Druggist

CAMBRIDGE ROAD,

KING- WILLIAMS TOWN.

ABATSHATILEYO.

MAYEZA-GWASHU. — Kutshatise e Kimberley, ngu Rev. Jonas ConjvB, nge 28 October, 1890, u PHILIP J. MAYEZA, unyana omkulu ka Jon. Mayeza, no EMMA GWASHU, intombi yokugqibela ka John Gwashu, yase Tyume. 312011

IMIBIKO.

MAJAUBE.—Kubhubhe e Rini nge Sabata yo 19th October, 1890 u EDWIN.

RUPERT FULATEL' ILANGA, unyana otandekileyo nokupela kwake ka E. N. no K. Majambe. Ubudala yiminyaka 2 nenyanga 2 necawa 1 nentsuku 6. Izihlobo zonke mazamkele lombiko. Ebenokutyafa nentlanze. 31211 E. N. MAJAMBE.

ROZANI.—E Idutywa, ngobusuku, 7th November, 1890, kubhubhe u MARY ROZAKI; ube cawe mbini ezelwe. Izihlobo mazamkele lombiko. Yimposiso kwi Mvo egqitileyo—kwabazalweyo—ukuti ngu NYAKA. 31211

TOLIBADI.—Umhla we 26 ku August ngomnye wemihla enobuti obungasa. kwandula kulibaleke e Mgifali (Claikebury) ngokabubha kwetshawe elingu SAMUEL TOLIBADI into ka Gabaza. Lomfo ka Gabaza ngumfo obekoleke ngenlela zonke, obekumadoda apambili kucala lento zakwa Tixo, osa isandla lula ngoxovreni yake ngase kuncedisi yonke imisebenzi ka Tixo; iilitemba elikulu lomfundisi nelomzi, ibingomnye wamagosa alomzi kulentlanganiso yabafundisi (District Meeting). Waye ebengepambili kwinto zakwa Tixo zodwa, ube pambili kwizinto zokuqubela pambili ebulungwini, kuba ngumfo obenze izakwi ezincomekayo, indlu yake abehlala kuyo ibiluxande olubukekayo oluukambile zisixenxe; waye komnye umzi wake ose Sitebe ebe ake olunye olukwangako. Ube ngumfo owake isitali esihle kunene esikulu. Mase sisiti yonke into abeyenza ibiyeyokubhekisa pambili, ube ngokutaza kakulu kwizinto zemfundo ngamazwi nezenzo. Asinatandabuzo ngokumka kwake, siqinisekele ukuba ubhubhe e e Nkosini, kwa ubomi bake bebuxela njalo, kwaza nasekumkeni kwake waqinisa ukuqondisa ngamazwi ukuba ukufa akakoyiki kuba nya e Nkosini. Imiyalo yake yokugqibela kwintso yake wayiyala ngokuze igene umtandazo. Waza nakwezomhlaba izinto akenza hlazo. Wati onyana bake bobabini wabahlulela ilifa ngokulunge kakulu, waye ebayala ngokuze bahlale kakuhle. Namhlanje kuluzi e Mgwali komkulu nomneikane, kuba ushiyw e yindoda yamadoda. Noko somelezwa ngamazwi atetwa ngumfundisi wetu u Rev. W. S. Davis okuti “U Tixo uyazazi zonke izinto noko ete wemkisa lecododa nje angasivusela tnye ekwanje.” Ngokumka kwalo mnumzana kunge kumhla siqondayo ukuba sonke simelwe kukufa, okunene satsho ukuti “ Umhlaba awoyiki nto oko uvulekile waukela umfo ka Gabaza.” 31211

ABALAHLEKELWEYO.

Amahashe! Amahashe!

NDIHLAB' UMKOSI mawetu wamahashe! Zinkabi zimbini, enye LIGWA-NGQA elide, linekolwana encinci, nomtshato S.M. Enye yiponi EBOMVU, etive tshivi eyekohlo indlebe, ikwa nomtshato S.M. Alahleka e Goso. Olandisileyo ndomvuza ngovuyo olukulu. Abhalele ku P. S. MAZWI, care of Mr. R. Viedge, Tabase, Umata. 20

IGAMA! IGAMA!

O CHARLES B. ZWAARTBOOI no STEPHEN B. ZWAARTBOOI, base Cookhouse namhla baya liguqula igama bango “SOXUJWA.” 312011

IHASHE! IHASHE!

NDILAHLEKELWE lihashe lam ELIBOMVU elibubhene, linekolo, line bala elimhlotshana empumleni, linenqina elimhlope ngasekohlo ngemva, linempawana ezimbini kwangasekohlo endlebeni, linesinci esikulu; nxa lihamba likwelwe ungati lino nyonga, kwangase kohlo, kanti hayi; nxa lipala ligoba intloko ixesha lonke ngapandle kokuba liyabaleka; liyakwazi ukubaleka kakulu kwano kuqhulha, angade enele pambi kokuba lipale kupela, amanqina liwatata kakulu liyigobile intloko ixesha lonke likawuleza. Wovuzwa ondlindisileyo. THOMAS MQEDAZWE, 412711 Healdtown, Fort Beaufort.

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemele bonke).

| | |
|---|--|
| Ibhulukwe zamadoda ze Flannel emhlope ziqalela kwi 7s. 6d. nge par. | |
| Ibhathi .. Zelanga zelinene .. 7s. inye. | |
| Ibhulukwe 5s. nge par. | |
| Ibhathi .. Zehlobo .. ze Holland .. 4s. 6d. inye. | |
| Ihempe .. ze Tennis .. 2s. inye. | |
| Ihempe .. Ezimhlope .. 3s. inye. | |
| Ihempe .. Zokusebenza .. 1s. inye. | |

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE STOFU,—Intlobo-ntlobo— yamanani onke.

Izonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamadoda.

Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6 6 nge par. Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, ne Net ze Tennis ezisand' ukwamkelwa.

IMPAHLA YE BHOLA.

IBATI, IBHOLA, IZINTI,-EZONA ZITSHIPU E KOLONI,—ZININZI ZENZIWE NGABONA BENZI.

GQALA.—I Club zitengiselica ngamanani elungelo. Isuti

zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s. (Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngesisa koLifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zezitofu ezitofotofo, ze Kodi. Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,—Kungabekelwana ngako.

IVENKILE ETSHIPU E KOLONI

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

2310

UKUBA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLWA, UMBONA,

AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE

Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileye zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye UYE

GILBERT BOX AND SON,

MARKET SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

BANTSUNDU! BANTSUNDU!

U GRUBB wase GCUWA

UYANI-BHOTISA.

KE ngoko abati ufudukile bano lwimi. Abatandabuzayo mabeze kuzibonela ngavabo amehlo.

Abanemilanga mabeze kunyangwa ngomcniza wake, bayakuvuyiswa kukumbona. Lingani amayeza ake ezikhulane zonke—Ayazeka.

MABUPELE UBUNCOKO.

Kanize nje, nizekubona impahla ha GRUBB. Ilokwe zokutshata i Ready Made neziyimicako. Ilokwe zokutshintsha—i Printi, i Kaliko, i Zihlangu (ezizitende zic'opileyo) Intlotyana zonke zempahla yokutshata, nezokunxiba nje kodwa.

Eyamadoda—Onzonza. ne Bhatyi, i Suti, i Hempe, i Minqvazi, i Bhatyi zokwaleka Nentlobo zonke ze ngubo zamadoda (ezo kutshata nokuhomba).

I Kofu, i Swekile, i Ti, ne nto yonke. Kwanempahla yaba Bhexeshi.

ELOKUKOSHELISA.—Ungawalibali amayeza ake, aselenqhiawe ukuba an'awo.

T. E. GRUBB,

st2111

BUTTERWORTH.

GIBBERD no BRYANT.

ILOKWE ZOKUTSHATA.

ISATIN EMHLOPE NE CREAM.

25s., 30s., 40s., 50s., 60s.

ILOKWE ZOKUTSHINTSHA (Amabala onke)

25s., 30s., 40s.

IMINQWAZI YOKUTSHATA.

5s., 6s., 7s., 8s., 10s.

AMAGQABI ABATSHAKAZI?

Is. 6d., 2s., 2s. 6d., 3s., 4s. 5s.

IZIGUBUNGELO ZABATSHAKAZI.

“3s., 3s. 6d., 4s., 5s., 6s , 8s.

—IONDILOKWE EZIMHLOPE.

Is. 6d., 2s., 3s., 4s. 5s.

I CHEMISES.—Is., Is 6d., 2s., 2s. 6d.

EZE 6d. - I-PRINTI - EZE 6d.

Amabala Amatsha.

GIBBERD and BRYANT.

AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI u ELLIS utengisa e Qonce yonke imihla emva kwe Malika yakusasa—ngo Mgqibelo kuhlala kuko Impahla yokufuya etengisayo.

Amafandesi ake Empahla Ehambayo atako

E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU lwesibini ezinyanga zonke.

E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU lwesine zonke inyanga.

Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufu- mana Igusha ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo : J. D. ELLIS, Auctioneer, Kingwilliamstown.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,

JESSE SHAW (U-Nogqala)

E-BHOFOLO

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kanteza uku necda oku nowenzakalisi umzimba; ngenxa yoou panisi bexabiso iawo; ngenxa yokucekela ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifine ngqinwayo ukuba ingamayeza.

U MPILISI WENENE (The Sure Cure). Umiza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye imntu.

ELONA (Specific).

21 ona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisi ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).

Umiza ongeni xesha ukupilisa izinyo.

UMFUNO YEZA (Herbal Tincture).

Elingqiswayo zingqungqambo zendlebe, neze bunzi, hokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI LISO (Eye Lotion.)

Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline

Apertient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasose, ukungatandi kudla, licesine nento ezinjalo.

UHLIKHILA (Embrocation).

Amafuta omi okupilisa ukuqgamba komzimba, Usuti-Nqi kwa malungu ukuzizaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).

Amafuta omi okupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA

(Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana. nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).

Umiza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA

(Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwisifo sokuba butataka, nokungatandi nto itiyiwayo.

UBUGQI (Magic Healer).

Amafuta akupilisa sinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDIRA (Emolientine).

Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubuhle bugude ubugo.

UMGUTYANA (The Powder).

Lisetyenxiswa neli kutiwa “ Lelona ” xa isifo xokunamba igazi senele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishijelwe ngokuzalisekileyo zatyiwa nca kwi bhotalina nezi oflana ngazinye, eziti zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungonawo lamayeza esi- rweqe sokulumkela okungekehl.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Iqira elisehenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwi nkohiso vedolopu zase Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—

E Qonce—Dyer & Dyer. Malcomess & Co., L

Drummond & Co.

E Ngqamakwe—Mrs. Savage.

E Monti—B. G. Lennon & Co.

E Rini—E. Wells.

E Dikeni—R. Stock.

E Kontani—Mager & Marsh.

E Bhayi—B. G. Lennon & Co.

E ngqusha—W. A. Young, Esq.

Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

IGWANGQA abati ngu Kiesling lipambi kwamatjala aseRini ngokupanga izindlu. Kumzuzu kumana kufunyanwa ngabantu kumke izinto kungaziwa imbangi, kanti kuko kumanda eyenzelwe izitshixo ngumlungu okunjulelweyo ehamba etabata impahla. Ibiswiwa e Bhai.

KWELIPEZULU kuxelwa ezokubhubha komfundisi wamapolisa esika Khama u Rev. Wilson Trusted yicesine.

AMA-BHULU ngase Kapa amise imbumba yokukangela amatuba okuba inteto yawo ingatshabalali, njengokuba ngoku isemngempkeni kuba kuvelele eyama Ngesi emfundweni.

U REV. B. II. HAMPDEN JONES, B.A., obengumongameli we St. Mary’s High School e Johannesburg walatelwe kwj Rectory yase Cranwilliam ngu Bishop wase Kapa.

ISHUMI elinesitandatu “ logweva ” abamnyama ligwetyelwe kwiminyaka emihlanu emnye e Kimberley ngo Mgqibelo ongapaya. Kusinde wamnye kwabebepambi kwe Special Court.

UMFUNDISI ongu Rev. W. H. Aspden wase Wesile e Kimberley ogqibhe kwelokupuma ebufundisini. Kungenguquko sikolwa eluveni ngenfundiso amelwe kuyishumayela lento apumayo. Indawo yake yakutatyatwa ngu Rev. J. Rogers wase Natal.

U HON. C. W. HUTTON, M.L.A., usabambele umzi omele i Bhofolo no Mpofo awumele e Palamente.

NGOLWESI-TATU lwegqitileyo kutiwa bekuko idabi pakati kwama Bhaca ne Ntlangwini Emzimkulu ekude kwatunyelwa amapolisa ukuya kulamla. Besekuko abafileyo.

U MR. KLEIN (obengumteteleli pambi kwe Jaji e Transvaal) umiselwe ukuba abe ngumqondisi-mteto wase Swazini.

IHOTELE ye Oddfellows itshe ngobusuku bolwesi-Tatu (5 Nov.) ogqitileyo e Tinara, itshiswa yinkwenkwana yomlungu ebisenza ibhola zomilo ukukumbula u Guy Faukes.

UMLUNGU ongase Alexander Benton wambule umfazi wake ngentambo ye nkomo isituba seyule e Dayimani.

UM’BHALELI ose Cala uti:—Sekukancinane ukuba ugqitywe umcancato pezu kwe Tsomo. Ayarolwa pezu kwawo amabashi; kungasatetwa nto kona ngokuwela kwabantu.

ZIBE nkulu imvulakwelilungee Alvani elixa kweli lingezantsi kuko indawo ezibe nokwenza imihlati ngaminye ngenxa yokunqapazeka kwazo.

UMZI oncinihlaba e Nxukwebe (Healdtown) uyakufumana kwizaziso zekomkulu lase Kapa ezikwakwelipepa ingxelo yemihlaba engarafelwanga ayakuyihluta ke u Rulumeni ngo 30 April 1891, ingahlalwanga irafu elityala.

KUKO inkwenkwana yo Mxhosa ngase Berlin kwa Ndlambe ekubonakalaukuba izibulele ngokuzixhoma exhantini. Isizatu asaziwa kuba ibigqityelwe yonwabile ibingabetswanga kanjalo.

IPOLISA elingu Daniel kwalunge e Kwelera lipulukwe ngumpu ongxashiweyo ote wawa, wadubula watsho elunyaweni. Ubhubhe ngolwesi Ne lwegqitileyo.

INTLANGANISO ebalulekileyo ye Palamente yase Free State, imiselwe ukabano ngo 10 Dec.

U MR. RHODES, Inkulu yom’buso, uya kubuya kwelipezulu ngase Transvaal. Uhlindelwe e Pretoria apo ayakuba lundwendwe lwakomkulu ukupela kwale veki.

INKOSAZANA u Mjaji ebisil wa ne Transvaal icela uxolo, kodwa kutiwa mayinikele izixhobo, ihlaule izizi. Itumele induua e Pretoria ngezindawo.

U MR. SAUER ude wapumela ngapandle kwe Kapa, uye e Touwsriver ukuya kusela umoya omntsha njengokuba ebebehlungu.

UMBUSO wase Transvaal wamkele indabazokuba kuko umnt’ ohliwe yingqakaqa e Lichtenburg.

UNYANA ka Lord Elphinstone, umnumzana obehamba ne Ruluneli ubhubhele kumnquba ose Palla nge Sabata egqitileyo.

NGO-MGQIBELO ogqitileyo kunyatelwe yinqolwe inkwenkwana ye Bhulu e Bloemfontein yafa kwa oko.

U REV. A. MCAULAY use Somerset East ngoku.

kuba umzi uyakuba ndlebe-zima-axele koku kongezelelwa kwabelungwana abanamagunya pakati liwabo.

Kwincwadi esasizilindele e Kapa kwj ofisi ya Bantsundu kutiwa (1) lento yenzelwa ukunceda abamnyama ukuba bati yakulahleka impahla yabo baxele kwimantwana ezo, ze zona zifune amapolisa ayifune. Besiba tina olahlekelweyo uyaya emapoliseni zingeko nje ezimantwana, ekungeko nto ke iilungelo elitsba esiyenzelwayo.

(2) Kutiva yenziwa kuba umzi unabantu abahleli bewutyola ngokuti uzibile inkomo onazo. Eletu lelokuba nokuba kuyabhalwa abebesitsho bakuti kubhalwa inkomo zabo ezibiwa ngabantsundu. Esibona tina ukuba ngokulungiselela lomoya no MR. FAURE ungene koku kurana. Ubuza ngemfanelo i oti koza kude kube kutenina ukuze kube bupelele ubusela kuti bamnyama.

(3) Lomteto wonobhala kutiwa zanelisiwe nguo ezinye izitili obuhleli koku kuzo. Oko u Mr INNES abemele i Dike ne Ngqushwa ebengazanga ayeka amawetu ukulila entlanganisweni naye ukuba akululwe kobu bukoboka. Kukokwabamele indawo ezinalo olubhalo nezinemantwana ukuzipendulela komkulu, esingatandayo ukuzibeka pambi komzi inteto zamawetu analo olubhalo. Yinto emayenziwe kamsinya ke leyo.

Ngokupatelele e Qonce, kwati ukungeniswa kwawo mhlamnene, wema ngenyawo umzi ungawuvumi. Lonto igqitywe kukuti u Rulumeni awuvoxise. Sifumana engalibambanga izwi lake ukuzimisa kwakona ezimantwana zobhalo lwenkomo ukusivusa engabanga sau-xelela umzi wayeziroxise ngom tandazo wawo.

Into embi ngapezulu kukuba u Mr. FAURE esuke wangumkombe — into ebesingayilindele kwakubon’ ukuba besisancoma inqubo yake ezama ukuquba ngemvisiswano nabantu entweni zombuso koluhambo lwake. Uti namhla esiti uhleli ezilungisele ukupulapula okutetwa ngumzi, abe esiti yona lento sey- qitityiwe angelindele zwi ngayo Easingazi ukuba ubeba bazakuphupha into ezingekehlina abantu zibe zizo abateta ngazo. Kulungile ukuba ube umzi uza kufakana intloko ngezizinto ulenze elawo kuba eli lixesha lenkululeko afanelweyo kuteta wonke umntu we Nkosazana.

Umzekelo wama Afrika ase Amerika.

KUBE kufanele kakade ukuba utyelelo lwabavumi bebala letu abavela e Amerika lubange ukuba sitande ukuva ngebali lokunyuka kwabo. Amabakala atatatywe ngababantu ekuhlambulukeni angummangaliso. Imashumi mabini anantlanu iminyaka bakululwayo ebukobokeni, baye bengenanto bangati yeyabo; bengenamfundo; bejongwe ngumoya wolunya wabamhlope abebezinkosi zabo ebukobokeni; kukwako nemiteto ebavaleleyo ukuba bangatengi no mhlaba. Kute kodwa ngenxa yenxano abebenalo lokunqw’ enela into zentlambuluko bagilana ukungena emfundw’ eni, bamisa ezabo izikolo ukuba baziqeqeshelwe entweni zemfundo. Namhla bangene kwafaneleka kudidi lwabamhlope abahlambulukileyo, njengokuba sibabona behlala kwezipezulu zona ihotele zabamhlope, baye befumana , nokumenyelwa kwizindlu zabelungu abapezulu kuzo zonke indawo abazindwendwelayo ngalomj ikelo wabo. Namhla basondeziwe entweni zom’buso e Amerika, balatelwa esihlalweni ze Palamente nakwe zokupata umzi, laye elocala baza-lamanise nalo entweni zom’buso lipumelela ngevoti zabo abati ke bafumane impato entle em’busweni kumahlelo omabini awo. Bazino noku ebukobokeni bezizigidi ezi 3 bengenanto emagameni abo, inani labo namhla likwizigidi ezi 8, yaye imfuyo yabo ibalwa ngezigidi ezi 20 indaliso. Into ekuyiyo ngabo ngoku nento abasakuba yiyo inokuf unyanwa kwinteto yenene elingum Afrika u Hon. F. DOUGLASS eliyi Ruluneli e Hayti, eliyenze

ngo September lo. Yiyo le ingxelo esiyitabata kwipepa lakona ivela e Baltimore kwelase Amerika apo;—

U Hon. Frederick Douglass, oyi Ruluneli yase United States e Hayti ubese ntlanganisweni yainawabo apa izolo (8 Sept), ate wenza inteto. Ute:—“Kuko ixesha abebengenakuhlangana ngoluhlobo bahlangene ngalo lomni, baxoke ngenito ezipatelele ekumelani kwabo nabanye abantu beli. Kuhle ingquleko enkulu pakati kohlanga oluntsundu— ibanzi ingumangaliso.

UMZEKELO WE HAYTI.

Abahlobo beta abamhlopo base Amerika badla ngokuti xa banga bangateta okubi ngati; “ kangela e Hayti. Lemidaka ayikwazi ukuzilaula kona, ingatnina ukuzilaula apa? Ewe, ziko Izinto ezibanga usizi e Hayti, kwanjengokuba ziko nase United States. Make abuye umva iminyaka elikulu sikangel’ e Hayti. Siyifumana igutyungelwo bukoboka. Yenze ubudoda bokupakama elutulini, izikulule emakamandeleni ibaxote abangonyameli. Kute emva koko u Napoleon namawaka amashumi matatu ake, kwa namajoni ase England balinga ukubabuyisa umva, kodwa ngoncedo lwe United States bate bema. Lemidaka ibunqambi izityakala.ite ayanela ukuzizama inkululeko, kodwaimise nombuso omi iminyaka emashumi asibhozo anesixenxe. Itumele abafundisi baya kuzo zonke indawo zama kristu, “ yaye i Hayti ingazanga yapula mngqosho. I Hayti iyinxalenye kodwa yesiqiti se San Domingo, ubukulu bayo zimayile ezi 10,000 ngobude nobubanzi, kodwa imali yombuso iku 7,000,000 endaliso, yake itumela 70,000,000 iponti zekofu kwamanye amazwe ngonyaka.

AKUKO KUBA BULALA.

Abantu bateta ngenkohlayomcimbi wobuhlanga. Itoni, akuko rikohla iyileyo. Abanye bateta ngoku lubulala lupele uhlanga lwetu, abanye bati sivakubehle sitshabalale sipele, kodwa nditi kuni akuko nto iyileyo, kuba njengokuba ebesitsho umntu emtandazweni wabamnyama “ Bazalwana, sibe sinani, sise- nani saye siyakuhlala sinani.” Ukuba ubukoboka abusibulalanga asisakubulawa kukukululeka. Into yona kukuba kuyakwenzekana ukuba ababantu balulwe ngeningayo ekwamiselwa yona ngesesha abakululwa ngalo, nokuba iya-yakulaulwa njengoko belusengamakoboka.

Siya sinyuka ekuhlambulukeni. Hambani niye kuhlola kwizikolo zabebala e Washington, apo wofumana ukuhlambuluka isidama, ubuhle, nobunewunewu, koti ngokuvulela kwezintlo ulunya lwe ludamba. Ukuba lomzi uyavuma ukuwumisa umteto ka Blair, kubeko iyitalike kwinduli nganye nesikula zoko zonke ezintlambo awusakuba nqingatisile nokuqingatisa ukubhulalela ububi owenze ku bantu bakowetu. Kuvela kubantu bakowetu amagqira, abaqondisi-mteto, abafundisiabats hatsheleyo ngenifundo, kupela esikutitayo kukuba masiyekwe sikwelwelwe indlela.

Ayevana amawetu eli ? Lipina inxano lento ezilungileyo nati side sixelise u Mr. DOUGLASS. Lemi- qomboti, lemibulo, nebrandi zezona ntona ziya kusinyusa. Malwenze ubuyo uhlanga !

Impawana.

OKWENZIWE ngumzi kwaka Mdushane, ngokupatelele kwisitembiso so Mpatiwa - Bantsundu esahlokoniswisa kwi Mvo, sokuba ezimisele ukuhambela izizwe ezimele eli kwakamsinyane, siya kuncoma. Ibingayinto elunge kakulu ukuba neminye imizi ebhonto zokubhekisa yenjenjalo. Ipakati lakwa Mdushane litumele inewadi ku Mr. Faure ukuvakalisa uvuyo lwabo ngedinga awumise ngalo umzi lokwuhambela; baye bemindele msinyane. Bafike bazimisa into abaya kuzisondeza engoxoweni ukuze eze seleke waziphupha:—(1) Ukubanjana kwemali yenkosi yabo; (2) ukuvalelwa kwabo emhlatini; (2) ukumiswa kwe manyana za ngapandle. Oku kuyakubonisa u Mr. Faure nawo wonke um’buso ukuba awulele umzi, uyayibona yonke into abayenzayo.

NGO Mhloli-Zikolo osand’ ukubhubha um’bhaleli ose Gqili uti:—Sizifunde ngosizi indaba zokubhubha kuka Mr. John Samuel. Umhloli wezi zikolo zise Mantla. Ube yindoda ewuqondayo umsebenzi wayo. Umntwana ubemnika onke amalungelo anokumceda ukupumelela isiqibi (Standard) aviva kuso, kuba ubesiti xa sukuba eqonda ukuba umntwana akaqondi ngapo abuza ngakona alinge enye indlela. Indlela yake kuzo zonke i subjects ibe iyeyokufumisa ukwazi kubantwana, oko ubekwenza nge Oral Examination ingeyiyo lento idla ngokwenziwa zezinye i Inspectors yokuzamanisha abantwana ngemibuzo ehalwe kwi cards, uvuiwo olungena msebenzi ebantwaneni, oludla ngokuti abantwana boyiswe, kunge nganxa yokuba bengenakwazi, kodwa ngenx’ enokuba bengayichananga imibuzo leyo. Andikolwa ukuba siya kumfumana onje ngoka Samuel. Akuko magqabi mabini afanayo.

AKWABA bonke abatabata IMVO beba ntliziyzo zinjenge yalo usitumela amagama amatsha amabini e Herschel’ Ndisafumene lawo magama mabini okwangoku, kodwa noko ndiyatamba okokuba nobuye ndifumane amanye angangena kwi kwata ezayo. Ngako ubuyo unditumele ipepa lesicelo sokwandiswa kwe Mvo. Ndikolwa ukuba singati sonke bamkeli be Mvo silinge ukungenisa igama nokuba linye nge kwata, singahleza kwakamsinya elinani linincane la 700; ke siyekke ukuxela ngomlomo ukuba siqwenelwa ukuba landiswe ipepa, into engena kwenzeka ngapandle kokuba tina bafundi balo silihaxhe ngokwandisa inani labafundi balo; okanye lingabukuqeka silahlekwe naseso siqetshana esinge sizikolise ngaso ngoxolo ukuba besingatanga sangxamela okukula singekabi namandla. Nam ndinqwanela ukunga lingandiswa ipepa, kodwa umnqweno awusozе undincede.”

IZ'QINISELO ZOTITSHALA.

Ingxelo Zoviwo lo Titshala ye Mvo eyeza ngocingo ayahluke kuyapi kwefike namapepa ase Kapa, ngapandle kokuba kwasalela amagama amabini amadodana esikolo sase Bensonvale, ngokuti apumelele kwiqela le *English* kupela.

CLASS I.—Honours, *English*.
 1. Edith A. Hurt, Bensonvale CLASS II.—Competency.
 70. Fred. T. Lethlabika, Tr. Inst. Bensonvale.
 71. Azariel J. Phooko, „
 Inani lababengene uviwo 377. I *Honours* (English Dutch) 8; (English) 5; English Kafir) 3. I *Competency* English Dutch 25; English 71; English Kafir 45; Sesutu 6; Ababese-pumelele i School Higher 71; i Provisional 25.

EZASE EDENDALE.

[NGUMBHALELI WETU.]

Kanti Mhleli abakowenu Amajili abazange bemke ne Mfecane ka Mtiwana ukuya kumfenguza. O Lusibahluku abo basene Nkosi zabo kwakufupi ne Edendale. 1. Nabo e Lovri (Richmond) pantsi kwenkosi ezinkulu o Khukhulela no Bidla. 2. Nabo Emkomanzi pantsi ko Ramcwana inkosi enkulu. 3. Nabo pesheya ko Mzimkulu pantsi ko Fodo, no Mzongwana unyana ka Sidoyi. Kunconywa ukukalipa kwabo emkontweni ngemini zase Sandlwana. Nangoku kusatiwa inkauzi yabo ayijikwa mntu.

U Rev. J. J. Jabavu upumile kumteto wabamnyama. Yanga lonto ingangumzekelo kwimpi efundileyo nesafundayo apa e Natal. Wati kum u Mr. Hlatywako, ometinane, kungapunywa nje yenye impi entsha kulindwe amakazi.
 U Rev. W. G. Mtembu, unyana womfundisi walapa okwa Jonono ngoku, ubhale ileta ebukali epikisa Umhleli we *kamiso* xa ebesiti yena utywala bukkudla, badalwa ngu Tixo. Uti ke u Mr. Mtembu nguwupina u Tixo owadala utywala wabuhlisa ngengqayi ezulwini wabunikela abantu? Kulombuzo utelwela ngu Mr. Caluza wase Mpolweni. Mna nditi *Inkanyiso* ayibakanyiseli abantu xa ibancomela umqomboti, iya bamfamekisa. Maube ke upelile umsebenzi wayo eyayimiselwe wona. Kuko nokuba i Natal ipatwe nge Responsible Government. Asiyiva ukuba itimna ngezo, isuka iti qhapu ngeze ngqongqongqono.

U Mr. Mordecai Ndaba ngu mntu omdala walapa e Edendale. Kute ke ngenxa yokungapili kwabonakala eziniselela ukufudukela e Driefonteiu (e Mtshezi). Lonto ibete umzi washukumama wonke ukumnganda ngenxa yesimosake esihle kubo bonke. Ngokubangu:—
 Xalanga elintsiba zinde Eligubungela bonke abalusizi. Akumfundisi, akukolwa Bonke kuye bayafana, Benziwe ngonamandla onke. Ngotanda u' melwane Njengoko azitandayo yena.

Makahambe i noko sililayo w o fi k e awenze lomsebenzi nalapo ayakona. Ngumxhasi omkulu wemfundo nankuya El Jafita unyana wake wokupela (ngapandle kwentwana encinane) e Healdtown. Sisiva ne Edendale College yapenyama ngabo no Mr. Joshua Dlamini, ngumxhasi omkulu wo Lizwi, ubengumshumayeli engenisa iramente ezimbini, ngumxhasi omkulu we Mvo ZABANTSUNDU. Wanga angandlela ntle u Mr. Ndaba, kuba umka intliziyo zetu zimhlope ngakuye.

Kuti nga Mgqibelo utile apa kuqubisane ngalomdlalo webhola ekatywayo i Eagle Club yase Edendale College ne Mountain Club yase Zwaartkop College kwayabantsundu, epatelwe u Rulumeni ngo Mr. Smith no Mr. Bryant Cele owafutwa e Lovedale. Aina Zwaartkop nyadlala ngokomeleleyo, kodwa awakabiyoyonto kwi Edendale. I Edendale yoyisa nge 4 goal to Nil. Mhle umzi wo Mr. Cele, njengoko saka sanokuvubona xa siyokushumayela.

Kuti kwangalo Mgqibelo kanti u Mr. E. Msimang selebete kwanuka lutungayi emzini. Wenze isikumbuzo somhla wokuzalwa konyana wake u Hananiab. Nditeta ke uyazi nawe impi yakuti kokubheka pantsi kwempumlo yantontelana yabeta indlu yema ngembambo. Nditii mna wawumhle lomgocobo kuba wenziwa emini kuko nabafundisi nabafana base Koliji. Lonto ayifani nomdaniso wapesheya kwe Neiba. Ngenyemini sizinto zontatu sasiwelela ngase Cedara apo kufundisa u Mr. Jer. H. Langeni owayese Lovedale. Lomfo samangaliswa ukumfumana esenoluya tando sambona sise ngama Bhoivisi enalo xa sasihambele e Lovedale apo. Ngoku into endiyibona se-ibhaliwe ebusweni bake yile : “ Xa ndingenalo utando, ndinje ngo simbali ekencezayo.” Ungumshumayeli wase Wesile netitshala yakona. Waziwa njengo mqeqeshi ofanelekileyo wabafana. Nangoku abafana abase Edendale College abebepantsi koqeqesho lwake banezimilo ezibalulekileyo kunabanye. Nabo bayashumayela kwimizi engapandle. As the teacher is, so are the children.

Ndiyavumelana mna no Mr. Jabes Mlife xa ati makubeko iklasi pakat kolutsha lwase Edendale. Maninzi ama fokotsihela afanele ukuba yi 3rd Class kanye.

AMATYALA BAMBI KWE JAJI E RINI. — Alishumi amatyala ayakusondezwa pa-nnbi kwe Jaji njengokuba ihleli imini ipulapula amatyala avela kwese sitili neudawo ezilunge naso kwakunyi ne Ngqushwa, ngawo la:—*Elizabeth Jacobs* (ngokulinga ukubulala usana) uli vumile yasibamba isigwebo; *Calvin Bell* wase Ngqushwa (ngokufihla umntwam awayembelekile) inyanga 9; *Hermann-Klaas* (ngokugqoboza, ebp) 2 impiyaka *John no Lena Schimid* (ngokuba nokwa nkefa okubivewongokulandelana); *Ma yezza* (ngokubeta enzakalise) inyanga 18; *Mashaka* (ngokunjalo); *Elizabeth Wal* (obete umntu wafa bebexabene); *Geo Meester* (ngokugqoboza ebe) wasinda kwa u *Geo. Meester* (ngokubeta enzakalise) iminyaka 2; ebengekagqity wa awaba uye.

IZISULU, IZISULU. — Umtinjana ozakuthata uyakubona ukuba o Messrs. Beet Bros., base Qonce batengisa nge tyeza zengubo ezintsha ezenzelwe abaza kungena kwishilalo esingwelele. kwangokunjalo namacici emitshato.

IDULILE NKONJANE.—E Komani zake kunene e Town Hall; into engatandwayo i ngabapati bomzi leyo. Bate ke bamisa umfo ukuba azichite izindlu zezintaka ngomhlakulo omde. Zijokile zona ngokwaka, waye lomfo ebeke kancinane ewuchita umsebenzi wazo. Kwakubon' ukuba kunjalo zibize intlanganiso ezite ukusuka kuyozawuza, ziriwula lomonakalisi, zimrweinja. Ude wabaleka waquadalala pantsi kodonga lwendlu: suka zengweve pezu kwake intaka zimkhola. Kucolwe ishumi elinambini ezityumkileyo kukusuke ayama ngodonga lwendlu zazimngungelevo. Ayikaziwa into eyakwenziwa yi Council okwangoku zisoyisile intaka.

IHAMBO YE RULUNELT.—Ubenentsuku e MacloutsieUmhlekazielindeizigithimi ezivela e Bulawayo kwibhotwe lika Lobegula, kuba bekuvakele ukuba lonkosi inga ingayibona i Ruluneli. Ingafiki inkosi ya Matebele ihambo yokubuya uyiqale ngolwesi-Bini lwegqitileyo u Sir Henry Loch.—Ifikile e Palla i Ruluneli ivakalise ukuba ukungezi kuka Lobengula akubangwa bubutshaba (kutiwa kubangwa kukuba esindwa ngumzimba), wayesiti Umhlekazi ukuba bekuko

indawo yokungavisisani pakati kwake naye ebegeyeyile e Bulawayo yena akakuya e Macloutsie. Nangapezu koko invumelwano noMhlekazi usazibambe njengoko u Lobengula nabantu bake.

EZOCINGO ZA PESHEYA KOLWANDLE.—U Mr. W. O'Brien no Mr. Dillon bamkelwe zizihlele ezikulu e Amerika njengo kuba beye kubuta imali yokulwela amalungelo oihlaga iwakowabo ama Irish.—i Kuko ingxoxo esushu equitywa ngu Mr. Stanley kumapepa apeshweya nabahlobo bendodana eyafa oko ebepanda elipakati e Afrika Uti lomnumzana lendodana yabulawa ngoburalume ngakwabantsundu ebibubulamatters relating to their own good ngezabhokwe.—Ipakati elikulu lombuso wama Jermeni lite entetweni elibe liyibhekisa kubatunywa base Milan, ixesha lokuzola noxolo knowledge of their feelings and elifana neli kwizizwe zase Yuropu alizanga libeko enlisting their sympathies on the side of the law, Mr. FAURE was bound to earn amakulu amatatu abantu. for himself a good reputation as an administrator of Native Affairs.

IKAYA LABANTSUNDU E KIMBERLEY.—Ndiyakucela ukuba uke undifakele epepeni lomzi imibulelo yam kulamanene ndiwadwelise ngezantsi apa. Ndinikumbuza manene ibali labadala eliti “ Inyanada ebotshiweyo ayinakwapulwa,” nditi kuni manene “ ningadinwanga nangomso,” umzi ngowenu. Amanene akat asihambela kunyanga ka August. Rev. J.J Conywa Messrs. J. Moss, J. Malunga, Carl Kumalo, P. Messrs. J. Moss, J. Malunga, Carl Kumalo, P. Mayeza, Linde, D. Qwabe, Tom Solomon, Dlepu, Lamanene ke alandelayo ngawahlala ekayeni. Messrs. Alex. Magezeni, B. K. Lwana, J. J. Mkwalo, T. Xipu, F. F. Badi, E. J. Mayeza, Wm. Location Machelela, S. Maquila, J. Matayo, M. King Mahlabokwe, J. D. Mzimba, A. Nkomo, G. Nathaniel, S. S. Nxusani, L. Hoko, E. J. Panyane, advancing what is the real gravamen of the complaint of the Natives, it is as well that we should state that we have no quarrel with the principle of the supervision of the Natives *per se*, which in this division is already provided for under Mr. R. J. DICK, the Special Native Magistrate with the paid Headmen and policemen under him, and the two Clerks in Charge. Nor do we object to Location Inspectors on farms where there is no supervision at present. The supercession of the existing officers by the appointment of Location Inspectors within the *rayon* of the duties of the former is highly impolitic, to say the least, and is a slap in the face at those who have been trying to discharge their duties. Nor is there an abnormal condition of things in the district of Kingwilliamstown to warrant the present step; although even in that case we, for our part, knowing the actual working of the present Location Inspection system, should consider it the greatest farce ever enacted to resort to it for the purpose in question. As we hope to have frequent opportunities of dealing with this subject it is not necessary just now to expose the utter inutility of the measure.

ABALIMI NA BARWEBI.

Ngo 1 November amaxabiso ento ezili- nywayo e Johannesburg ngawo la ngengxowa : Umgubo 46s 6d, ku 48s; ongethile kanye 40s; Inggolowa 30s; Umbona 27s ku 29s; Itapiie 60s ku 65s.

Inkabi ezimbini zamahashe ekali ka Mr. Wei walapa e Qonce, zitengiswe ngoMgqibelo nge £60. zizombini; wambi amahashe atengiswe ngalomini ahambe, elinye kwi £10 10s, elinye £21; Ihangu in ziqale kwi 19s zakuma kwi £2 7s inye; Inkabitrizila ezintle £11, ezizingeno £6 12s 6d ku £7 15s; ezitsalayo £6.

Umsito wemihlaba kumandla wase Cala kuti w upumelele kakuhle, amaxabiso ene apozulu eqala; kwi £10 de kwaba kwi £1,555. Kona kwi Reserve imorgen ide yarotelwa £5.

Amatransport ango Dixon no Farrer alahlekwe zinkabi ezi 27 likepu elive xa akwintaba ze Barkly East ngo 25 October nango 29.

E Qonce uboya ngolwesi Hlann, 7 Nov. obuugavaswanga buhambe kwi 5d. Obese yibhokwe kwi 6d.

E QONCE, (Nov. 8.)

giving prominence to matters involving differences of opinion from a desire not to mystify him with details, which might afterwards be properly adjusted, during what has been well described as the alphabet stage of his education in Native administration. Moreover, he seemed to us to be commencing well by allowing the people to have their say in matters relating to their own good government, for by getting a knowledge of their feelings and enlisting their sympathies on the side of the law, Mr. FAURE was bound to earn for himself a good reputation as an administrator of Native Affairs.

Great, therefore, is our sorrow and disappointment to find the Native Minister committing a woeful mistake at the very first attempt to put in practice what he was supposed to be learning on his recent tour. We allude to the re-appointment of Native Location Inspectors in the Kingwilliamstown division, and before advancing what is the real gravamen of the complaint of the Natives, it is as well that we should state that we have no quarrel with the principle of the supervision of the Natives *per se*, which in this division is already provided for under Mr. R. J. DICK, the Special Native Magistrate with the paid Headmen and policemen under him, and the two Clerks in Charge. Nor do we object to Location Inspectors on farms where there is no supervision at present. The supercession of the existing officers by the appointment of Location Inspectors within the *rayon* of the duties of the former is highly impolitic, to say the least, and is a slap in the face at those who have been trying to discharge their duties. Nor is there an abnormal condition of things in the district of Kingwilliamstown to warrant the present step; although even in that case we, for our part, knowing the actual working of the present Location Inspection system, should consider it the greatest farce ever enacted to resort to it for the purpose in question. As we hope to have frequent opportunities of dealing with this subject it is not necessary just now to expose the utter inutility of the measure.

What the natives stand aghast at in connection with the present action of the Government is the flagrant breach of faith the step involves. At their most earnest representations the system, which caused them needless worry, was withdrawn by Government to the intense joy of all. It made them pick up heart just when the contrary action would have made them give up hope and make them feel that Government was a wooden-headed and wooden-hearted thing that was not affected by the sorrows of its people. In these circumstances, we submit, it would only have been but fair on the part of the Government to have frankly informed the people of the fresh facts that they had come in possession of to make them to go back on their plighted word to the Natives. The Government, unfortunately, has not done so.

What makes matters worse, if possible, is Mr. FAURE's attitude, when representations are made to him on behalf of the Natives to grant them an opportunity to submit their view of the matter. While the Secretary for Native Affairs says he would gladly listen to anything the people might wish to bring to the notice of the Government, he states that the matter at issue is finally decided, and no advantage can be gained by delay. It is difficult for a Native to reconcile these statements : for the Natives do say they are desirous of making certain representations which Mr. FAURE says he is willing to listen to. Well and go. They desire to make those representations on matters decided upon, of which they have any practical experience ; but the Native Minister, by a curious feat of legerdemain, says they are not to express themselves on matters decided on. He would give them

Amnqanda—7 to 1d ngedazini Irasi eluhlaza—1/7 to 2/ ngekulu lhabile—1/ to 5/ „
Itapile—6/3 to 15/ „
Umbona—3/9 to 4/ „
Inkuku—1/ to 1/8 inye lukuni—7/ to 42/ ngeflara

Imvo Zabantsundu

THURSDAY, NOVEMBER 13, 1890.

IT has been a pleasure to us to be able to with congratulate the Native Affairs on the success on the whole of his tour through the Native Territories. Although we could not quite agree with some of Mr. FAURE’S views, especially those he expressed at meetings in East Griqualand on questions of land settlement, we designedly avoided

a roving commission to run up things that he may still be excogitating in his mind, and speak on these! This is shutting the Natives up in a dark room and kicking them for not seeing, with a vengeance. In these circumstances our people deserve the commiseration of the public, and it is consoling to learn that that powerful journal, the *Cape Times*, has already thrown its great influence on the side of the weak and oppressed.

Notes of Current Events.

WITH reference to the failure of justice in connection with an alleged shooting case in the district of Albert, in which a Dutch farmer, is implicated, we are gratified to see that the Natives residing in that division are petitioning His Excellency the Governor, to ensure that a proper trial of the matter takes place; and we trust the prayer may have such an effect as will remove all doubt as to the impartiality of the judicial institutions of the country.

SAYS the *Graaff-Reinet Advertiser* :— “ The Sprigg Ministry is gone, we hope never to return, though their successors may be as ready to pander to the mob in the Assembly as were they. When things are bad change is looked for, and if one change gives no relief then we make another. If the present Government walk in the footsteps of the Sprigg panderers to majorities of the bucolic kind then some other must be tried.” It is by this principle we swear.

